**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
   ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
   ICANDELO C: Ulwimi (30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.

6. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

### UNGAPHILA NJANI PHANTSI KWEMPATHO ENJE?

1 Intlungu yakhe yaqala xa eneminyaka elishumi elinesihlanu. Ngelo xesha uTumelo, obizwa ngoTumi ngabahlobo bakhe, wayehlala eBronkhorstspruit eNkangala nonina nabantwana bakowabo abathathu. Babemthatha njengoyise uFana owayethandana nonina kwaye naye wayebaphethe njengabantwana bakhe.

2 "Ngeny'imini ndathi ndibuya kwiiholide zobusika kwamakhulu, ndafika kukho ndoda yimbi endingayaziyo ekhaya, ehambile uFana endandiqhele ukumbiza njengotata," ukhumbula atsho uTumi. Loo ndoda intsha yabaphilisa ubomi bentshontsho de yaqwela ngokudubula ibulale unina emva kweminyaka embalwa behlala nayo. Ukucinga nje ngaloo ndoda kumenza angcangcazele uTumi kwaye akathandi nokuba sibize igama layo.

3 "Loo ndoda yakhupha iimpahla zam, yathabatha igumbi endilala kulo," utshilo uTumi. Yayikuthanda nokubetha unina kaTumi. "Xa ndiyinqanda ekubetheni umama, yayigrogrisa ngokundibetha. Umama wayeyititshalakazi ngelo xesha, yabe yona ingaphangeli. Yayizula-zula ngemoto kamama ingathi yeyayo. Yayinxiba iimpahla zodidi, isebenzisa iziqholo eziphambili ezithengwa ngemali kamama." UTumi uthi akakazi nangoku ukuba yintoni eyayithandwa ngunina kule ndoda. Ethubeni unina wayeka nokubahoya. "Ndaba namaxesha okuya esikolweni ngezihlangu neempahla ezigugileyo."

4 Nangona kunjalo, unina wayesoloko exabana naloo ndoda kwaye amathuba amaninzi imbetha. Ukulal'okwentaka kwagqibela sekuyinto yemihla ngemihla ebantwaneni. UTumi naye wayebethwa kanobom yiloo ndoda xa engenelela. Nangona kunjalo, unina waqhubeka nokuhlala nayo. "Umama wagqibela enezivubeko zokubethwa umzimba wonke, kodwa wayebaqhatha abantu xa bembuza ngazo athi uwile. Kaloku loo ndoda yayisithi iza kumbulalala xa ekhe waxelela abantu ukuba iyambetha. Nangoku andikazi ukuba wayeyinyamezela njani impatho enjalo. Ndandisithi xa ndimbuza ukuba kungani na ukuba angayibambisi loo ndoda, athi woyika ukuba iza kumshiya. Wagxotha nomakazi owayezama ukumnceda, wathi makangangeni imicimbi yakhe," utsho uTumelo.

5 UTumi wayeziva elilolo, ephethwe gadalala yaye ekhumbula uthando nobubele bukaFana. Emva koko waqala ukuvana nabafana basekuhlaleni ababezenzel'imali ngokuhlamb'iimoto xa bevela esikolweni. Ngobunye ubusuku unina kaTumi waxabana naloo ndoda njengesiqhelo. "Ngaloo mini le ndoda yahamba ngemoto kamama. Emva kwethutyana wahamba nomama. Waya emzini wendoda awayetyholwa ukuba uthandana nayo. Yabuya loo ndoda ngemoto, yabuza ukuba uphi umama. Yandigrogrisa ngokundibetha xa ndisithi andimazi. Ndayixelela ukuba uye phi na, yaza yandifaka ngetshova emotweni saya kumzi wendoda awayeye kuwo umama. Endleleni yayihamba ifowunela umama, kodwa engayiphenduli ifowuni. Nam ndazama ukumfowunela kodwa akaphendula." Emva kokugrogrisa ngokuba iza kuzibulala noTumi ngokubalekisa imoto kwindlela iMoloto eyayidume ngeengozi, yajika imoto yaphindela ekhaya. Yafika apho yadlwengula uTumi kwigumbi lokulala ekwakuthe saa iibhotile zotywala.

6 Emva koko yambetha ngempama uTumi yathi ukuba ukhe waxelela unina, uya kumshiya unina, kanti uTumi yeyona nto wayefuna iyenze kakade. "Ndamxelela umama okwenzekileyo akubuya ngentsasa elandelayo. Endaweni yokuba umama asibuze ukuba silele njani na, wasuka wandingxolisela ukuba kutheni ndiyixelele le ndoda apho ebeye khona. Ndaqonda ukuba nokuba ndingamxelela okwenzekileyo wayengazi kukhathala. Esikolweni ngaloo mini ndabhaqwa ngumhlobo wam ndilila, wandibuza ukuba kutheni." Wabiza utitshalakazi ndakumxelela ukuba ndidlwengulwe. Ndasiwa emapoliseni kwavulwa ityala lokudlwengula. Unina naloo ndoda balwa ngobo busuku. Yathi xa izama ukumkhama unina, uTumi wayibetha ngebhotile entloko, emva koko wabaleka.

7 Ngentsasa elandelayo afika amapolisa eze kuyincina le ndoda ngetyala lokudlwengula. Ngelishwa elo tyala larhoxiswa izihlandlo eziliqela, ekugqibeleni lakhatywa yinkundla. Loo ndoda yade yahamba kuloTumi, kodwa yaphinda yabuyelana nonina kaTumi emva kweeveki ezimbalwa. "Ndathi xa ndibuza kumama ukuba ubuyelana njani naloo ndoda, wathi mandihoye ezam. Ndaphelelwa lithemba lokuba siya kuze sahlukane nokuphathwa gadalala yiloo ndoda. Yayifana nje nokhwekhwe lwexhwili. Oko kwakundikhathaza kangangokuba ndaqhuba kakubi esikolweni. Ndazama ukuzibulala izihlandlo eziliqela. Ngeny' imini loo ndoda yafika ekhaya yandicenga ukuba ndiwacime amatyala. Umama wayingqinela esitsho nokuthi ukuba ndingawacima angandipha iwaka leerandi. Bandithembisa nangokundithengela iTV nevidiyo. Andizange ndivume ndaza ndazama ukuzibulala ngobo busuku ngokusel'iipilisi ezininzi zobuthongo." UTumi wayekufuna ukuphila ukuze abone loo ndoda isohlwaywa ngento eyenzileyo. Kaloku ukufa kwakhe kwakuya kuthetha uloyiso kuyo.

[Icatshulwe kwi*BONA* ka-Agasti 2008, amaphepha 42 – 44 yaza yahlelwa]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Ngubani iqabane likanina kaTumi ababelibiza ngokuba ngutata? (1)

1.1.2 Ingaba eli qabane lalifanele ukubizwa ngokuba ngutata? Cacisa. (2)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.3 UTumi kwakumele ukuba aye koogqirha bengqondo emva kokuphiliswa ubomi bentshontsho yile ndoda intsha kamama wakhe, kodwa akazange aye.

Caphula isivakalisi esibonisa iziphumo zokungalulekwa kwengqondo yakhe. (2)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.4 Khankanya izinto zibe-2 ezazisenziwa yindoda entsha kamama kaTumelo kuTumelo. (2)

1.1.5 Xela ukuba le ntetho ilandelayo **yinyani** okanye **bubuxoki** uze uzixhase kwimpendulo oyinikileyo.

Le ndoda nangona yayinje ukungcola yayifanelekile, iphangela, ingaswele nto, ungenakuze ucingele ukuba yenza izinto ezimbi. (2)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.6 Nika iqhalo elihambelana nale ntetho ingezantsi uncediswe ligama elikwizibiyeli.

Ukubetha unina kaTumi kunokuwuchitha umzi. (induku) (1)

1.1.7 Yintoni eyayibangela ukuba umama kaTumi abaqhathe abantu xa bembuza ngezivubeko zokubethwa kwakhe? (2)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.8 Cacisa intsingiselo yebinzana elingezantsi ngokubhekiselele kwisicatshulwa.

Wayeziva elilolo. (1)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.9 Chonga ibinzana elibonisa ukuba ukugrogriswa kukaTumi yile ndoda ngokushiya unina, yeyona nto wayeyinqwenela kakade. (1)

1.1.10 Wenza ntoni uTumi akubona le ndoda ikhama unina? (1)

**Jonga kumhlathi 7**

1.1.11 Caphula ibinzana elibonisa ukuba umama kaTumi nendoda yakhe babezimisele ukumnyoba uTumi ukuze acime amatyala. (1)

1.1.12 Wazama ukuzibulala njani uTumi? (1)

1.1.13 Into yokudlwengulwa kukaTumi yile ndoda ithetha ukuba ubomi bakhe babusesichengeni. Xela izinto zibe-2 awayenokuzibona ejongene nazo. (2)

1.1.14 Manyathelo mani afanele ukuthathwa ngumntu emveni kokuba edlwengulwe? Xela abe mabini. (2)

1.1.15 Xa ubungumama kaTumi ngewawutheni xa kuthe kanti uzidibanisa nendoda enje ukukhohlakala? (2)

1.1.16 Eli bali ungathi libalumkisa kweyiphi into oomama? Chaza. (2)

**ISICATSHULWA B**

1.2 **IMIBUZO ESEKELWE EMFANEKISWENI**

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



1.2.1 Nika izinto ezimbini ezichaza ukuba esi sibini sikhangeleka sonwabile kwaye siseluthandweni. (2)

1.2.2 Yintoni eyenza le ndawo bahleli kuyo ikhangeleke ipholile? (1)

1.2.3 Yintoni eyenza ukuba le ndawo ibonakale njengendawo ehlala abantu abaphila kamnandi nabanemali? (1)

1.2.4 Ngokwemigaqo yokubhalwa kwezivakalisi yintoni esilelayo ekubhalweni kwesivakalisi esingqindilili esisemazantsi omfanekiso? (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze usishwankathele ngokweengongoma okanye ngokomhlathi. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo. (7)
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabususele kumagama angama-60 ukuya kwangama-70.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

**BABUMVUYISA KODWA BUYINGOZI**

Emva kokuba unkosi Luthuli enze intetho, kwakuza kulandela elinye icebo. UMandela noDuma Nokwe batshisa amapasi abo phambi kwesininzi e-Orlando. Emva kweentsuku ezimbini, amakhulu amawaka abantu kwilizwe lonke benza ngokwesicelo se-ANC, bahlala emakhaya.

Impendulo karhulumente yaba kukuvulela amalungelo ngowe-1960; oko kukuthi amapolisa anakho ukubamba abantu ngaphandle kwegunya abavalele ngokwamaxesha angamiswanga. Amakhulu amadoda nabafazi abanjwa noMandela ngenkqu. Amapolisa amathandathu eza endlwini yakhe ebusuku. Kweli tyeli ayengenalusini kwaye nogqogqo lwawo lwaluvathe iqaqa. Babesenza uqulukubhode, beqongqotha iidrowa neekhabhathi, bejonga nasemva kwewodrophu, betsala zincwadi ezisezishelfini, bequbuda iimandlalo zabantu ngenjongo yokugqogqa izinto ezingamfaka etyaleni umntu. Amapolisa ayethatha amaphepha awafumanayo, iifoto zosapho neentsomi umama kaMandela awayedla ngokumbalisela zona. YayinguWinnie owabona umyeni wakhe ethathwa ngobusuku. Kwiveki elandelayo, i-ANC nePAC zathathwa njengemibutho engekho mthethweni. Abavukeli-mbuso ababanjiweyo bahlala besejele iinyanga ezintlanu.

Ityala ekugqibeleni lafikelela esiphelweni. Xa inkundla yayisazisa ngesigwebo sayo ngomhla wama-29 Matshi 1961, amakhulu-khulu abantu ayesemlindweni. Ummeli karhulumente kwakufuneka ukuba akhwaze athi, 'Inzolo enkundleni!' amaxesha amaninzi phambi kokuba ijaji ibe inokuviwa. Ijaji enguRumpff yathi nangona i-ANC yayifuna uhlobo olwahlukileyo lombuso olubonakalisa inguqulelo egqibeleleyo nenesiseko, ayizange ibe nepolisi ebonisa ubundlobongela. Yalebela ngelithi, "Abamangalelwa abanatyala, kwaye bayakhululwa." UMandela nabanye abamangalelwa nabameli babo baphakama bawolana besangana. Abafoti bathatha inqwaba yemifanekiso. Wonke umntu wacula uNkosi sikelel'iAfrika. Yaba luloyiso olukhulu lweNkongolo yama-Afrika kaZwelonke – kwakungekho namnye kwi-156 lamadoda nabafazi owayetyholwa ngokuvukela umbuso nowafumaneka enetyala.

Emva kovuyo olungako uMandela akazange agoduke kodwa waphela emehlweni. Umoya ombi karhulumente wokuvala imilomo yabantu be-ANC, wathetha ukuba yena namaqabane akhe abasenakho ukusebenza ngendlela nohlobo ababesebenza ngalo ngaphambili. Ikomiti esebenzayo ye-ANC kaZwelonke yagqiba ukuba asebenze ngokufihlakeleyo. UMandela wanyulelwa ukuba arhubuluze ngaphantsi – ahlale ezimele emapoliseni, asebenze emfihlakalweni. Wayeyiqonda injongo yesi sigqibo, noxa sasimvisa intliziyo ebuhlungu. Wayeluthanda usapho lwakhe, wayesazi ukuba ubomi ngaphandle komthetho buya kumahlula nosapho lwakhe.

[Icatshulwe kwincwadi *Wayilwela inkululeko uNelson Mandela* ngokubhalwa nguK. Pampallis; amaphepha 30 – 32 yaze yahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3

Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

**NXIBA NJENGOSAZIWAYO**

Nxiba **istayile** esinomahluko kwitheko labafundi bematriki ngokunxiba njengoRihanna. URiri unelizwi **elimnandi** kanti unazo neempahla ezintle. Le mvumikazi idume ngengoma ethi 'Umbrella' iyazithanda iimpahla ezimibala-bala nokunxiba okwebhinqa, kodwa xa isiya kumatheko eengcungcu inxiba njengomntu omtsha owenza abantu bajike naye nabafoti bafune <u>ukufumana</u> ifoto yakhe. **Akathanga phithi** zizitayile; unesitayile sakhe esimenza abe udumile engumzekelo. Nantsi indlela onganxiba ngayo kwitheko labafundi bematriki.

3.1 Amagama athi, **njengosaziwayo, njengoRihanna** asetyenziselwe injongo ethile.

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Ukufanisa

B Ukumntwisa

C Ukukweka (1)

3.2 Chonga isenzi esikuhlobo lokuyalela kwesi sivakalisi silandelayo uxele nexesha.

Nxiba isitayile esinomahluko. (2)

3.3 Igama **isitayile** libolekwe koluphi ulwimi? (1)

3.4 Lenze msebenzi mni igama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esilandelayo?

URiri unelizwi **elimnandi.** (1)

3.5 Ingaba ibinza, **akathanga phithi** libonisa ntoni? (2)

3.6 Kwisivakalisi 'Nantsi indlela onganxiba ngayo kwitheko labafundi bematriki!'

Chonga igama elisetyenziswe njengesibandawo. (1)

3.7 Funda esi sivakalisi silandelayo uze uchonge igatya elayame kwelinye.

URiri unelizwi elimnandi kanti unazo neempahla ezintle. (2)

3.8 Umsebenzi wamagama akrwelelweyo kukugqibezela nokufezekisa intsingiselo yezenzi.

Kungoko abizwa ngokuba:

A Zizilabalabi

B Zizifezekisi

C Zizibanjalo (1)

3.9 Uyintoni umsebenzi wezakhi ezibhalwe ngqindilili kula magama alandelayo?

3.9.1 Le ndumasi iya**zi**thanda iimpahla ezintle. (1)

3.9.2 Nantsi indlela onganxiba ngayo **kwi**theko lematriki. (1)

3.10 Lungisa iziphene kumagama abhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo:

Utata uhleli **pandle** nosapho **lakhe**. (½ x 2) (1)
**[14]**

**UMBUZO 4**

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo engezantsi.

Impucuko isizalele **imikhwa nemikhuba** emibi, nto leyo esitsho singe singathi vuleka mhlaba singene kukuphathwa ziintloni. Usapho lukaNtu lutshone nozwane kumhadi wokuzibhubhisa ngobhelu lomsele kunye neziyobisi. Uya kufika bexhaph'amagwebu betyhola idemokhrasi xa besenza unothanda, kukhalwa ngamalungelo.

4.1 Chaza umahluko phakathi kwamagama abhalwe ngqindilili kwisivakalisi sokuqala. (2)

4.2 Nika isithetha-ntonye segama, **wokuzibhubhisa**. (1)

4.3 Ngqamanisa ibinzana ELIKUKHOLAM A nentsingiselo EKUKHOLAM B.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| 4.3.1 | Ubhelu lomsele | A | Ukuthetha kakhulu |
| 4.3.2 | Lutshone nozwane | B | Utywala |
| | | C | Ukweyela/ukungena entweni ngamandla |

(2)

4.4 Chonga amagama abe mabini onokuwanxulumanisa nezopolitiko kwisicatshulwa. (2)

4.5 Funda esi sivakalisi silandelayo uze uxele indlela ulwimi olusetyenziswe ngayo.

Ntombazana yam entle kha uncede kaloku wenzele umama wakho iti emnandi, udiniwe.

Khetha kwezi mpendulo zilandelayo:

A Ulwimi olucel'umngeni.

B Olujij'ingqondo.

C Ulwimi olunomtsalane othambekele ecaleni. (1)
**[8]**

**UMBUZO 5**

5.1 Funda izivakalisi ezilandelayo uze uxele umsebenzi wezimamva ezikrwelelweyo.

5.1.1 Ummelwane undiphe umguty<u>ana</u> ukuze ndipheke isidudu. (1)

5.1.2 Lo mth<u>ana</u> uza kwaphuka. (1)

5.2 Bhala esi sivakalisi silandelayo kwingxelo-ntetho.

UKhune uthi, "Kusasa ndiza kuzibandakanya neqela endilithandayo iBafana Bafana." (2)
**[4]**

**UMBUZO 6**

Qwalasela ufundisise esi sibhengezo singezantsi wandule uphendule imibuzo elandelayo.




6.1 Ngabaphi abona bantu balungiselelwe ezi ziqholo ngokwalo mfanekiso? (1)

6.2 Ingaba esi sivakalisi singezantsi yinyani okanye luluvo?

Iziqholo zisetyenziswa ngokwemvakalelo nangokomcimbi umntu aya kuwo. (1)

6.3 Yintoni enokubangela ukuba uzithenge ezi ziqholo xa ujonge inkangeleko yaba bantu bazisebenzisayo? (1)

6.4 Leliphi elona gama linokutsala umthengi ukuba athenge kwesi sihloko sithi, **'Isiqholo sodidi'**. (1)

**[4]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**

**AMANQAKU EWONKE: 70**